

Xa kumnyama ...



bible society
of south africa

Akuwedwa

Kukho amaxesha apho yonke into yakho ibe ngathi ayihambi ngandlela ebomini bakho. Ingayiyo nantoni na, ukufa komntu omthandayo, ukuqhawuka komtshato, ukungavani nezihlobo zakho nokulahlekelwa ngumsebenzi. Zonke ezi lahleko nokudana zingakushiya ulusizi, ungenamandla ucaphuka.

UThixo uyakukhathalela

Umnyangi wabantliziyo zenzakeleyo, ewe, umbophi wamanxeba abo.

IINDUMISO 147:3

Yona njengomalusi iyawulondoloza umhlambi;
amatakane iwaqokelela iwafunqule,
ke zona ezanyisayo izithundeze.

UISAYA 40:11

“Uya kubosula zonke iinyembezi. Akusayi kubuye kubekho kufa, nalusizi, nasikhalo, nazintlungu. Kaloku lidlule ilizwe lokuqala.”

Ke lowo uhleli esihlalweni sokulawula wathi: “Ngoku yonke indalo ndiyenza ntsha.”

ISITYHILELO 21:4-5a

Ukuzola phakathi kweenkqwithela

Ngamaxesha embandezelo iimvakalelo zethu ziyakhula. Siyaxhalaba ngaxeshanye simsole uThixo ngokusiyekelela.

Uyasiqinisekisa ngobukho bakhe phakathi kwethu, asinike ukuzola kwimpixano yangaphakathi:

***livesi zeziBhalo zithatyathwe
kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**

Yanelani yinto eninayo. Kaloku uThixo uthi: “Andiyi kukuyekela; ndingayi kukufulathela.” Masitsho singenadyudyu ke sithi:

“YiNkosi umncedi wam,
andiyi koyika nto!
Angandenza ntoni umntu?”

KUMAHEBHERE 13:5b-6

“Ndinixelele ezi zinto ukuze nibe noxolo, kuba nimanyene nam. Ehlabathini niya kubandezeleka; kodwa musani ukuxhalaba, kuba mna ndiloyisile ihlabathi.”

UYOHANE 16:33

Ukubona ukukhanya

Xa sibuhlungu, sisoloko sibona okungalunganga kodwa ibe ngathi kumnyama yonke into. IBhayibhile iyasikhuthaza ukuba sisoloko sijonga kwicala eliyaqambileyo sibeke konke ngasemva:

“Ukuba uthe wayisebenzisa ingqondo yakho, unganako ukolulela izandla kuThixo. Ukuba uphethe ububi yahlukana nabo, nezinto zenkohlakalo mazingafumaneki nasemzini wakho. Ukuba unokwenjenjalo ke unganako ukuma ungenaxhala nganto, ume ngxishi ungenadyudyu. Ngako ke ungatsho uyilibale yonke le mbandezelo; ewe, ilibaleke njengeempuphuma zomlambo oseluwuthile. Ke bona ubomi bakho buya kutsho buqaqambe ngathi kusemin’ emaqanda. Le meko yakho yokubandezeleka ijike ibe yeginyis’ amathe, oku komsobomvu.”

UYOBI 11:13-17



Ipapashwe yasasazwa liqumrhu
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.

www.biblesociety.co.za